

PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



GRAIN SA
GRAAN SA

EYENKANGA
2016

Gcina iingxelo zemvula kunciphe imingcipheko

Imagazini yakwaGrain SA
yophuhliso lwabavelisi

Bala Moteng:

- 04 | Ziphathe kakuhle futhi uzithembe
- 07 | Yilawule kakuhle iminyaka emihle
- 08 | I-Grain SA kudliwano-ndlebe...noThulani Mbele

Enye yeengcinga ezifika kuqala engqondweni yabalimi ekuqaleni kosuku olutsha efama kukuba ingaba iza kuba njani imozulu namhlanje. Kwiminyaka emininzi edlulileyo abalimi bebexhomekeka kwingxelo yemozulu ebanzi enikwa malunga nobusuku obudlulileyo baze bajonge neminye imiqondiso efana 'nomoya wemvula' ozingileyo kwingingqi apho benza khona umsebenzi wokufama nokuthi ingaba kuvuthuza umoya ekuthiwa yiCape South Easter na okanye akunjalo.

Kule mihla zininzi izikhululo (iiseyitelayithi) ezibekwe entla kwethu kanti luninzi ulwazi neenkukacha ezifumaneka ngeepateni zemozulu zexesha elidlulileyo, elangoku kunye neqikelelwayo ngokunjalo nemvula efunyenweyo. Kwilizwe ngokubanzi, iingxelo zengingqi nezisithili zifumaneka lula ngokusebenzisa i-intanethi njengoko kunjalo nangeengqikelelo zemvula kwinqanaba lesithili kwiiveki ezilandelayo. Iifowuni zohlobo lwangoku (*smart phones*) zinakho ukusetyenziselwa ukufikelela kuqikelelo lwemozulu okanye zibe nenkqubo ekunika imiyalezo malunga neengqikelelo zemvula zangoku kwimihla ngemihla.

Imvula efunyenweyo, ulondolozo lwayo nobulumko bokusetyenziswa koku kufuma ngomnye wemibandela echaphazela impumelelo okanye intsilelo yomsebenzi wakho wokufama.

Ngokuhamba kweminyaka ukuchaneka kweengqikelelo sekuphucuke kakhulu. Nangona kunjalo, iingqikelelo zisenokungachaneki kangako malunga nendawo ekuyo ncam ifama okanye iifama zakho. Inkcazo-mphandle engephi kwisithili sakho nayo inakho ukuba nefuthe nokuthi ingaba ifama yakho



Kusoloko kukho ithemba nesithembiso semvula. (Ifoto ithathwe nguJohan Kriel)





UMAKHULU UJANE UTHI...

Njengabalimi, nidlule enyakeni obunzima kakhulu – kodwa ngoku liphinde lafika ixesha lokulima kwaye sinethemba lenene lokuba lo uza kuba ngunyaka wemvula eqhelekileyo nezityalo ezihle. Ukuba nonke niyaqhuba ngokusebenza nzima nokwenza okulungileyo, xa isina imvula niya kuba sethamsanqeni lokuncedeka kweli xesha lokulima. Yiba soloko ukhumbula ukwenza okulungileyo ngexesha elilungileyo ukuze uncedakale.

Uninzi lweemveliso zamalungiselelo kwiProjekthi yeJobs Fund lwasiwa ngoOkthobha – sasixhalabe ngakumbi sifuna ukusa ikalika ukuze abalimi bayisasaze kuselithuba. Umlimi ngamnye ufanele ukuthatha itoni enye yekalika ngamasimi akhe. Iyasinda kakhulu kwaye itheza amandla – nangona kunjalo, ukubaluleka kwekalika emasimini ane-pH ephantsi akunakugxininiswa ngakumbi – isityalo asinakufikelela nakwesiphi isichumiso ukuba amasimi aneasidi egqithisileyo. Ukuyazi i-pH yemihlaba yakho kubaluleke kakhulu kwiimpumelelo yakho njengomlimi wezityalo.

Ngelishwa, ngenxa yembalela, baninzi abalimi abangakwazanga kuzihlawula bazigqibe iimali-mboleko zabo zokulima zexesha elidlulileyo. Amaziko emali ayayiqonda le meko futhi apho kunokwenzeka khona, azimisele ukuphindaancedise. Nangona kunjalo, kubaluleke kakhulu ukuba nani ningafihli nto kubaxhasi benu bemali – ningaze nizame ukufihla nayiphi ingeniso, futhi ningaze nibenzise igama lomnye umntu. Siyazi ukuba ngamanye amaxesha uxhalabele ukufumana imali, kodwa ukungathembeki asiyondlela ifanelekileyo xa unenjongo yokuba ngumlimi. Ufanele ukunika ingxelo ngesityalo sakho nangayo yonke ingeniso yakho kubaxhasi bakho bemali – baya kuzimisela ukuma ngecala lakho ukuba bakubona uthembekile. Ukuba bayakuthandabuza ukuthembeka kwakho nengqiqo yakho, abasayi kuhambisana nawe endleleni kwaye uya kuzibhaqa usengxakini enkulu.

Kweli xesha lonyaka, xa ubunokubuyela kwiziseko uze uzenze kakuhle – khumbula ukulungisa amasimi akho futhi ungaluvumeli ukhula ukuba lukhuphisane nesityalo sakho; lima umhlanganisela ngokwamanani alungele indawo yakho; sebenzisa isichumiso esichanekileyo ngokwemilinganiselo yokusifaka echanekileyo – xa uzenza zonke ezi zinto ufanele ukuba nethuba elihle lokufumana isityalo esihle. Sifumanisa ukuba abanye abalimi bazama ukusebenzisa iimveliso zamalungiselelo kwindawo enkulu yentsimi kunokuba kufanelekile – kubhetele ukulima indawana encinane nokuyenzisisa kakuhle, kunokulima indawo enkulu kodwa usibambe isandla kwiimveliso zamalungiselelo. Kukho amaqondo angawona alungileyo kuyo yonke into.

Ukuba ube nelishwa uze usebenzise iikhontraktha – buya kunceda kakhulu ubukho bakho xa besebenza ukuze uqinisekise ukuba basebenza kakuhle. Kuduru kakhulu ukusebenzisa iikhontraktha ngoko ke ufanele ukuqinisekisa ukufumana umsebenzi wexabiso ngemali yakho.

Ndininqwenelela ithamsanqa kweli xesha lokulima – siza kuqhuba ngokuthandazela imvula! 🌧️

Gcina iingxelo zemvula kunciphe imingcipheko

Itheyibhile 1: Icwecwe lesiqhelo leenkukacha zemvula.

2016 Rainfall data sheet							
Day of Month	Jan	Feb	March	April	May	June	July
1							
2							
3							
4							
5							
6							
7							
8							
9							
10							
11							
12							
13							
14							
15							
16							
17							
18							
19							
20							
21							
22							
23							
24							
25							
26							
27							
28							
29							
30							
31							

- Record rainfall each day at the same time
- Record to the nearest 1/100th or 0,01
- If precipitation is less than 0,01 record “t” for trace
- If the precipitation is snow or freezing rain, melt the accumulation in the rain gauge and record as liquid
- Use the remarks column to list any unusual or severe weather



ikummandla othandwa yimvula okanye ikwintinzi lemvula na nokuba akunjalo.

Zibalulekile iingxelo zethuba elide zeyona mvula ifunyenwe kwifama nganye kunye neemozulu ezincinane ezahluka-hlukileyo ezifunyenwe apho nakwiibloko zentsimi ezineentlobo ezahluka-hlukileyo zomhlaba. Ezi nkukacha ziya kwenza ukuba umlimi okanye iqela elilawulayo likwazi ukuqhuba ucwangcisele lokulima oluchaneke ngakumbi ngokunjalo nohlolo lwemingcipheko emsebenzini wakho wokufama.

Ukugcina iingxelo yemvula yakho

Izixhobo ezifunekayo zokuqalisa zinokususela kwisixhobo semilinganiselo esinesikhongozelo esinemilo esabubhumbulu nesisoloko sifumaneke, okanye esibhetele kuneso, sinezikhongozelo zohlobo lwakudala lwentsimbi kwaye siqulethe iglasi enamaqondo yemilinganiselo ukuya kwisitishi semozulu esisebenza ngekhompyutha ngokupheleleyo. Umntu usenkubeka uhlobo lweplastiki epalini kwindawo nganye efanele ukulinganiswa efama. Iintlobo zeplastiki zikhohlisa ukudleka msinyane zibe qoboqobo futhi zichachambe kwiinyanga ezibandayo zasebusika.

Icebo eliphucukileyo kukusebenzisa ikhabhathinyana encinane yentsimbi eneegeyiji zemvula eziquhonyshelwe okanye ezigxunyekwe kunye nezinethemometha zibekwe njengecwecwe okanye incwadi yokuthatha imilinganiselo, kunye nosiba olunamathelayo, nolukhuselweyo emvuleni. Oku kusebenza kakuhle xa usenza imijikelo yakho emva kwayo nayiphi imvula enileyo ukuze kugcinwe imvula nobushushu, milinganiselo leyo eqokelelwa ekupheleni kwenyanga. Iinkcukacha zobushushu zinakho ukusetyenziselwa ukubala eyona milinganiselo yobushushu efumaneke ngonyaka othile ukuze itholekisewe nezona zivuno zifumanekileyo.

Umlimi unokugcina incwadi yeengxelo zokurekhoda kwemihla ngemihla kunye namangqaku engxelo yamandla esichotho, isi-

ganeko sezichotho eziqubulisayo zeendudumo okanye iimeko zemvula ngokubanzi, isiphango esifunyenweyo kunye nazo naziphi ezinye iingqwalasela eziphathelele kwezo meko. Ezi ziphumo zinokudweliswa kwelinye icwecwe phantsi kweenyanga zonyaka ukuze zitholekisewe neengxelo zesitishi semozulu sendawo yakho okanye ezendawo obukuyo ngaphambili okanye ezefama ethile. Ukuba uthenga ifama okanye uqesha amasimi kumlimi othatha umhlala-phantsi uyacetyiswa ukuba ucele naziphi iingxelo zemvula ezindala ukuze ukwazi ukutholekisa neepateni zemvula oya kuzifumana. Ezi ngxelo zinokukhutshelwa kumacwecwe andlalekileyo enkqubo yekhompyutha ye-excel kubekho neegravu ezahluka-hlukileyo ezizotyelwa ukubonisa utholekiso lweminyaka engaphambili, imiyinge yamathuba amade, okanye iinkcukacha zesizwe zemvula zamathuba amade. Amalinge anokwenziwa okuhlalutya iinkcukacha akaphelele ndawo.

Ukusebenzisa iinkcukacha

Iinkcukacha zemvula eziqukelelwe kwithuba elide zixabiseke ngaphezu kweenkcukacha zawo nawuphi unyaka ohamba wodwa. Uphengululo lwexesha elidlulileyo yeyona nzululwazi ifunekayo kodwa iya kusoloko iyimvula eya kufumaneka yexesha elizayo lokulima ebalulekileyo. Lipateni zemvula zinokwahluka-hluka njengoko bekunjalo kunyaka ophelileyo malunga nezinye iifama ezithe naxa zikufuphi kwezinye kodwa zona zafumana phantse imvula ephindaphindwe kabini.

Iinkcukacha zinokusetyenziswa ngeendlela ezininzi emasimini awomileyo kanti nabalimi abankcenceshayo bangaxhamla. Lipateni zamathuba amade zinokusetyenziselwa ukuqikelela ngokubanzi imvula elahlekayo ukuze iqokelelwe edamini lefama yakho okanye kwizixokelelwano zemilambo. Amadama azeleyo athetha ukuba naluphi uphuhliso lokunkcencsha lunokusebenziseka ngokupheleleyo kwihlobo elizayo okanye kwixesha lokulima lasebusika. Kunokwenziwa iingqikelelo nezi-

balo ezichaneke ngakumbi malunga nokusetyenziswa kwamanzi okufuneka kuphume emadimini ukwenzela unkcencesho olunika inkxaso okanye olupheleleyo.

Abalimi abafuye kakhulu nabatyisa emadlelweni endalo nalinye okanye emadlelweni ankcenceshwayo banokusebenzisa iinkcukacha zethuba elide xa besenza isicwangciso sokusebenzisa amanzi neseetoni ezinonxulumano zamadlelo ezilindeleke malunga nohlalutyo lwenkqubo yobukho obungaphelelwayo befula.

Kulo nyaka iFree State eseMpuma ifumene imvula egqithise nge-125 mm kwinyanga kaMeyi, ekaJuni nekaJulayi. Abalimi bamasimi awomileyo banokwemba imingxuma yokuhlola, phantsi kwemigaqo yabo yokuhlakula, ukuze bafumanise ubungakanani bokufuma okugcineke emhlabeni. Kwezi ziphaluka abalimi, abasebenzisa imigaqo yokuhlakula eyiyona ifanelekileyo, nokuba bahlakula ngolondolozo okanye akunjalo, banokwenza isicwangciso sokukwazi ukulima nangeyona mvulana incinane ifuneka phambi kokutyala. Olu lwazi lunokugxotha udandathoko olubangelwa kukwenza ucwangciselelo nokuqikelela ingeniso yesityalo ngonyaka wokulima ka-2016/2017.

Elokuphetha

Ukugcina iingxelo nokuzazi iipateni zemvula zamathuba amade kwiindawo okanye emasimini ahluka-hlukileyo kwifama yakho kunokunceda ngokufumanisa isakhono senkqubela malunga nezityalo ezinika imali esandleni okanye amanye amashishini ukuya kwixesha elizayo. Ukuzazi iinyaniso kunokunciphisa umngcipheko emsebenzini wakho wokufama. Ndininqwenelela ithamsanqa kwixesha elizayo lokufama. 🌧️

Inqaku linikelwe ngumlimi othathemhlala-phantsi.

Ziphathe kakuhle futhi uzithembe

Zisi-7 izinto eziya kusitshabalalisa:
 Ubutyebi esingabusebenzeliyo;
 Ukonwaba ngaphandle kwesazela;
 Ulwazi ngaphandle kwesimilo;
 Inkolo ngaphandle kwamadini;
 Upolitiko ngaphandle kwemithetho-siseko;
 Inzululwazi ngaphandle kobuntu; ngokunjalo
 Ishishini ngaphandle kweenqobo zokuziphatha!
 – Mahatma Gandhi

Ufundonzulu oluqhutywe ngabafundi elowa State University ngeenqobo zokuziphatha kwezolimo ngo-2002 lunike ukukhanya okunzulu. Bafumanisa ukuba: Wehlile umgangatho weenqobo zokuziphatha kwicandelo lezolimi kuqkwa iimbumba zentsebenziswano, amashishini ezolimo nabalimi.

Oku kuchaphazela imicimbi yeshishini, imitsalane yeentengiso, imigaqo-nkqubo yokubekwa kwamaxabiso, futhi abantu basuke bafune iindlela ezikhawulezayo benze ngathi azinamsebenzi izenzo zolwaphulo-mthetho. Abantu bathatha amathuba kuyo yonke into ukususela ekuphepheni ukuhlawula irhafu uku-ya ekusileleni ukubuyisa iimali-mboleko. Aba-

limi bavumelene ngokuthi: 'Kwixesha elidlulileyo amazwi omntu akhe anyaniseka ngokwekhontrakthi esayiniweyo; kodwa ngoku yonke into kufuneka ibhalwe phantsi!'

Ngokubanzi sekukho ukuzibandeza eku-thwaleni uxanduva. Xa babebuzwa ngolu hlobo: 'Zehliswa yintoni iinqobo zokuziphatha?' limpendulo zaba kukuthi:

- Abalimi namashishini ezolimo aphantsi koxinzelelo olukhulu lokufumana inzuzo;
- Icandelo linokhutshiswano olugqithisileyo olunganiki mpilo; kananjalo
- Amaxesha obunzima kuqoqosho lwasefama abe negalelo ekutyabukeni kwemigangatho yeenqobo zokuziphatha.

Ziyintoni 'iinqobo zokuziphatha'?

Iinqobo zokuziphatha enyanisweni ziintsulungeko okanye zizigqibo ngendlela yokuziphatha malunga nento elungileyo nengalunganga – kuze kulungiswe emva koko! Iinqobo zokuziphatha zeshishini zicingwa zize ziqulunqwe yibhodi/umnini-shishini okanye umlimi.

Iinqobo zokuziphatha zifanele ukukhokela isigqibo ngasinye esenziwayo nenyathelo ngalinye elithathwa lishishini. Azihambi zodwa kodwa ziqulunqwa ngengqiqo yokuba ishishini lisebenza eluntwini ngokubanzi. Nangona umntu ngamnye ezikhethela malunga neenqobo zokuziphatha, enyanisweni uluntu lulo olusixelela ukuba kokuphi **okulungileyo nokungalunganga** ikokuphi **okuchanekileyo nokungachanekanga** ngokunika amabhaso okanye ukohlwaya iindlela ezithile zokuziphatha.

Iinqobo zokuziphatha zikhanyisa ingqiqo yokuba umnini-shishini ngamnye unoxanduva lwentlalo: 1) ebantwini asebenza nabo; 2) ebantwini angene nabo kwiikhontrakthi zeshishini; ngokunjalo 3) ukuze aqhube ishishini lakhe ngendlela enobume obungqongwe bububele nentlonelo yokuphilisana kwendalo!

Iinqobo zokuziphatha zichaza isimilo

Ikhawudi yeenqobo zokuziphatha ixela imithetho yakho yokuqhuba ishishini. Uyayibeka futhi unoxanduva lokuziphatha ngokunamathela kuyo ngokunjalo uqhube ngeengxoxo ezimalunga nayo neqela osebenza nalo, nosapho kunye nabasebenzi. Kubume obubanzi obungqongwe ishishini, iinqobo zokuziphatha zifanele ukuxoxwa phantsi kwesihloko esithi 'iMigaqo-nkqubo nee-Nkqubo,' kodwa oku akufane kwenzeke kubume baphakathi efama ngoko ke kuxhomekeke kuwe njengomnini wefama okanye njengomphathi ukuthetha ngeenqobo zokuziphatha kakuhle ngeendlela ezilungileyo zokusebenza. Ingqalelo yeenqobo zokuziphatha kwindawo yempangelo ifundisa iqela labasebenzi lakho nabahlulelane boshishino nendlela abafanele ukusebenza ngayo nabangenakusebenza ngayo.

Xa unokubonwa uzenzelelela ngendlela enika wena inzuzo ngokusebenzisa iindlela

“ Into oza kuba yiyo ngomso iqala ngento oyiyo namhlanje!

Pula Invula's Quote of the Month

*It is no use saying: 'We are doing our best.'
 You have got to succeed in doing what is necessary.*

~ Winston Churchill



“*Abo bangenanto abemi kuyo bahamba besiya nakweyiphi into!*”

ezikhohlakeleyo, zenkohliso okanye ezingalunganga, qiniseka ukuba abasebenzi bakho abasayi kuchitha xesha phambi kokulinganisa wena bayenze kuwe into obuyenza! Umzekelo: ukuba idizili yasefama uyifaka emotweni yakho yabucala oyiqhuba xa uqabelisa imicimbi yakho ejongene nawe uze ufake ibango laloo dizili ngokungathi ubuyisebenzisele imisebenzi yefama, kukungathembeki oko futhi uyeba kwiingxowa-mali zombuso. Okanye, xa usisa iingxowa zombona kwishishini elisilayo elithenga iingxowa ze-75 kg uze uyalele abasebenzi bakho ukuba bazihlohle zifike kwi-71 kg inye, wakugqiba uzinikele kwisango lelithe lokuSila ngokungathi ziingxowa zombona ze-75 kg, unobuqhetseba futhi uyamqhaba umnini-litye – kanti abasebenzi, xa besazi ukuba uyakwenza oku, nabo baya kwenza njalo nokuba kunini!

Ukuziphatha ngokusesikweni kungakuzisela iinzuzo ezibalulekileyo kwishishini

Xa ishishini lidume ngokuqhuba ushishino lwalo ngokweenqobo zokuziphatha, lisuka lithandekubahlulelane elinokusebenzisana nabo. Kubume obungqonge umsebenzi wokufama oku kunokwenzeka malunga nabathengisi beemveliso zamalungiselelo, kwiinkonzo ze-

nkxaso yemali okanye nakubarhwebi abaza kuba nenjongo yokuqhuba ishishini nawe ngendlela efanelekileyo.

Kwakhona kubonakele ukuba ishishini eliphethwe kakuhle neliqhuba ngokweenqobo zokuziphatha liba nabasebenzi abonwabileyo ukuze ngokwenza njalo abasebenzi basebenze ngokuzimisela nemveliso yabo yande. Kwelinye icala, xa kungalandelwa iinqobo zokuziphatha kakuhle ishishini liduma kakubi ukuze ade adume kakubi nomlimi. Le meko ikhokelela ekuchaphazelekeni kakubi kobudlelwane nababelana ngegunya ngokunjalo nabahlulelane beshishini kude kube khona ilahleko yenzuzo ethubeni.

Iinqobo zokuziphatha kwishishini lakho lokufama

Xa uvavanya imisebenzi yakho yeenqobo zokuziphatha, zibuze le mibuzo mihlanu ilandelayo:

1. Ingaba mna okanye nokuba ngubani ongomnye ndingangena enkathazweni ngenxa yesigqibo okanye is(iz)enzo sam?
2. Ingaba isigqibo sam okanye is(iz)enzo sam sibangela ukukhathazeka emphefumleni?
3. Ingaba isigqibo sam okanye is(iz)enzo sam siyalenzakalisa igama lam, sithoba isidima sam okanye sihamba sisonakalisa ubudlelwane bam obubalulekileyo?
4. Ingaba isigqibo sam okanye isenzo sam sindithintela kwimpumezo yemigqaliselo yam?
5. Ndiziva njani ngesigqibo sam okanye ngesenzo sam xa ndijonge 'le ndoda esipilini'?

Indoda ekumbongo wesiPili

Xa uyifumana into oyifunayo emzabalazweni wesiqu sakho lize ihlabathi likwenze ukumkani

wosuku olunye, khawuye esipilini uzibuke ujonge ukuba loo ndoda iza kuthini. Kaloku asingotata wakho, okanye umama wakho, ingeyiyo nenkosikazi yakho ozakuwisa isigwebo sakho kubo.

Umfo onesigwebo esibaluleke kakhulu ebomini bakho ngulo okujamele eglasini. Ngumfo ofanele ukumkholisa – ungazikhathazi ngabanye, kuba yena usoloko enawe, kude kube sesiphelweni...kanti uphumelele uvavanyo lwakho olulolona lunzima, lunengozi – ukuba indoda eseglasini ngumhlobo wakho!

Ulingaqhaba lonke ihlabathi kwiminyaka eliqela kubekho nabakumbambazela emhlana xa uphumelela, kodwa umvuzo wakho wokugqibela uya kuba yintliziyo ebulungu neenyembezi – ukuba uqhathe indoda eseglasini!

Iinqobo zokuziphatha zikhulisa ukulandela xa izinto zihamba kakuhle kwishishini kodwa zizo eziqala zitakele ngaphaya komnyango ngamaxesha obunzima. Khumbula ukuba xa uye wakwazi ukuphila ngokomgangatho ophezulu wendlela yokuziphatha ebomini bobobo lwakho nakwiintsebenziswano zakho zeshishini uya kukwazi phucukileyo ukuphila nesiqu sakho – kwaye uya kuzithemba phakathi kwamanye amadoda! 🍌

Inqaku linikelwe nguJenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyile apha jenjonmat@gmail.com.

ISABALULEKILE imichiza yokhula yaphambi kokuhluma

Lifikile ixesha lasentlakohlaza eMzantsi Afrika. Siyathemba ukuba kulo nyaka iimvula ziza kufika kwiinyanga zehlobo esezisondele, ngokunjalo siyishiye emva imbalela. Inye into esinokuqiniseka ngayo kukuba xa zifika iimvula nokhula luya kulandela kwangoko.

Ukhula, utshaba lwethu lokuqala, luya kuba lukhona selulinde ukuhluma ngamandla kunangaphambili. Thina njengabalimi sifanele ukucingela phambili kwaye sihlale silungele esi siganeko ngesicwangciso samanyathelo okutshabalalisa utshaba lwethu, ukhula. Kweli nqaku ndiza kushwankathela ukubaluleka ngokutshatyalaliswa kokhula phambi kokuhluma naphambi kokuba lukhule ngamandla.

Yintoni umchiza wokhula waphambi kokuhluma?

Umchiza wokhula waphambi kokuhluma yikhemikhali efakwa entsimini ngokusebenzisa izixhobo zokuhlomela isitshizi kwitrekara okanye isitshizi sezityalo senqwelomoya. Injongo yekhemikhali yaphambi kokuhluma kukuthintela ukuntshula nokuhluma kokhula olungekabi nabungozi kodwa olusendleleni yokuntshula. Ikhemikhali ikwenza oku ngokuphazamisa iinkqubo zee-enzayimi kwithuba lokuntshula kokhula ngokwendalo. Xa lungantshuli ukhula alusayi kukwazi ukufunxa ukhukhanya kwelanga ukuze ke ngoko lungakwazi ukukhula.

Inyathelo lakho lokuqala kucwangcisele lwakho lwenkqubo yokutshiza kukwenza isigqibo ngokuba isityalo esithile uza kusilima ndawoni. Khumbula ukuba isityalo ngasinye sahlukile kwezinye futhi sidinga ukuphathwa ngendlela eyahlukileyo. Phambi kokufika kwexesha lokulima umntu makazidibanise nomthengisi wemichiza onolwazi oluphangaleleyo ngemichiza yokhula eyahluka-hlukileyo nefumanekayo kwiindawo zentengiso. Baya kuyichaza imisebenzi eyahluka-hlukileyo yemichiza neendlela ezizezona zifanelekileyo zokuyifaka. Imichiza yokhula eyahluka-hlukileyo itshabalalisa ukhula olwahluka-hlukileyo, yiloo nto sifanele ukuyila inkqubo yokutshiza eyahlukileyo ngesityalo ngasinye esahlukileyo esifuna ukusilima.

Eminye imichiza iphuhlise ngenjongo yokutshabalalisa ukhula lwamagqabi abanzi, eminye iphuhliselele ukutshabalalisa iintlobo zengca kanti eminye iphuhliselele ukutshabalalisa umxube wamagqabi abanzi kunye neentlobo zengca. Ngoko ke, **KUBALULEKE** kangangoko ukulazi uhlobo lokhula ofuna ukulutshabalalisa ngemichiza oyithengileyo. Xa sinesicwangciso sokulima ojongilanga asinakusebenzisa mchiza wokhula waphambi kokuhluma owenzelwe ukutsha-

balalisa iintlobo zengca. Kodwa zikhona iimeko ezithile ezinxahileyo malunga nokusetyenziswa kwembewu enofuzo oluhlenga-hlengisiweyo. Eminye imihlanganisela iphuhliselele ukukwazi ukumelana neentlobo ezithile zeekhemikhali ukuze kuphuculwe ukutshatyalaliswa kokhula. Kungenxa yoko kubaluleke kangako ukuzidibanisa neengcaphophe entsimini yembewu neekhemikhali phambi kokwenza isigqibo ngento ofuna ukuyilima naleyo ufanele ukuyitshiza kwisityalo osilimayo.

Xa utshiza imichiza yokhula yaphambi kokuhluma, kubalulekile ukuqala ngokufaka ikhemikhali phambi kokuntshula kokhula, njengoko ukugcina ixesha kuyiyo yonke into efunekayo malunga nempumelelo kolu hlobo lokutshatyalaliswa kokhula. Kukwabalulekile ukuba iimeko zemozulu zikulungele ukuncedisa ukufunxeka kweekhemikhali.

Linini ixesha elichanekileyo izeziphi iimeko zemozulu ezifanelekileyo?

Ixesha lokufaka umchiza wokhula waphambi kokuhluma lixhomekeke kwimisebenzi yokuphetulwa komhlaba oyisebenzisa kwifama yakho.

Ukuba usebenzisa ukuhlakula ngomgaqo wesiqhelo, uya kuwufaka umchiza wakho msinyane emva kokuba elinye amasimi, ukuze imbewu yokhula ingafumani thuba lakuntshula. Xa usebenzisa imigaqo yokungawuphethuli umhlaba ungaqala utshize intsimi ngendlela 'yokutshisa ngqu' ngomchiza wokhula. Oku kuya kutshabalalisa lonke ukhula oluhlumileyo. Umntu ke ngoko, ufanele ukulandela ngomchiza waphambi kokuhluma oya kuthintela naluphi olunye ukhula ukuba lungantshuli.

Kuyo yomibini le migaqo umntu makazame ukutshiza xa kukho umkhumezelo omncinane okanye iimeko ezifumileyo zemozulu, njengoko oku kuya kunceda imichiza ukuba ifunxe ngokunjalo izinze emhlabeni apho imbewu yokhula engekabi nabungozi isalele khona, ngoko ke oko kukhokelele kwiziphumo ezizezona zifanelekileyo.

Ngenxa yokuba ukhula lulutshaba lwethu oluphambili, sifanele ukwenza konke okusemandleni ethu ukulutshabalalisa ngexesha lokukhula kwezityalo. Ngaphandle kokutshabalalisa ukhula, sizibeka emngcipikweni wezivuno ezincinane side sikhuthaze ingxaki yokhula emasimini ethu ngokuhlohla 'ibhanki' yembewu emhlabeni wethu. Imichiza yokhula yaphambi kokuhluma isesinye sezixhobo esinazo kwidabi lokulwa ukhula.

Inqaku linikelwe nguGavin Mathews, oneMfundo yesiDanga kuLawulo loBume obusiNgqongileyo. NgoIwazi oluthe vetshe thumela i-imeyili apha: gavmat@gmail.com.



Faka umchiza wokhula waphambi kokuhluma nokuntshula kokhula. (Ifoto ithathwe nguJohan Kriel)



Umbona okhula kakuhle kungekho lukhula. (Ifoto ithathwe nguJohan Kriel)



Likhona ithemba lesityalo, umlimi udinga ukulutshabalalisa ukhula. (Ifoto ithathwe nguJohan Kriel)

Yilawule kakuhle iminyaka emihle

Kumanqaku ethu aliqela exesha elidlulileyo sikhankanye ukuba enyanisweni uMzantsi Afrika lilizwe elibaleleyo elinomyinge wemvula uphelele omalunga ne-495 mm ngonyaka.

Siphinde sagqiba kwelokuba iimbalela ziyinxenye ekhoyo kubume baseMzantsi Afrika obungqonge ezolimo. Ngoko ke, kuyimfuneko engenakuphikiswa ukuba siqhube iifama zethu sikhumbula ukuba siza kuphinda sibethwe yimbalela kwakhona. Kubhetele sihlale sikulungele ukuqubisana nayo kunokuzibhaqa siqbuliseka.

Nokuba imbalela ekhoyo ngoku iza kuqhuba okanye mhlawumbi siza kuba nexesha lokulima lasehlotyeni elithande ukuba lihle, oko akukaziwa kanti neengxelo ezikhoyo ngoku zisabetha-bethana. Nangona kunjalo, yinyaniso eyokuba imbalela iza kunqumama ethubeni, kodwa masikwamkele ukuba imbalela elandelayo seyisendleleni. Eyokuba iza kufika nini, asikayazi. Nokuba iza kufika kwisithuba sonyaka okanye emibini okanye kwiminyaka eliqela thina sifanele ukuhlala sizilungiselele.

Ukuze ulilawule kakuhle ishishini lakho ufanele ukubalasele kulawulo lwakho kuzo zonke iinkalo – kweyokulima, eyokuthengisa, ukuthenga, kulawulo lwemisebenzi yeofisi, kulawulo lwabasebenzi, kubudlelwane babasebenzi, kwimpahla yexabiso naleyo iselugcinweni, nakulawulo ngokubanzi kunye nolwemali.

Naxa kunjalo, kuzo zonke iinkalo zolawulo, ulawulo lwemali lolona lubalulekileyo ngokuphathelile ekubeni wena uzilungiselele ukuze umelane nembalela ezayo. Ukuze umlimi wanamhla amelane nemiceli-mingeni yobume obusoloko buguqu-guquka obungqonge ushishino, emkhulu okanye emncinane, makabe yintshatsheli yomlimi kodwa aphinde aba yincutshe yomlawuli wemali – ngoko ke abe ngumlawuli weshishini oluchule. Malunga noku kufunyaniswe ukuba ulawulo lwemali olusilelayo nokwenziwa kwezizigqibo okunganelisiyo ngunobangela ongoyena uphambili kubalimi abayi 80% abalahlekelwa ziifama zabo kungengakuba iimeko zokufama bezimbi.

Xa ulawulo lwemali lufika engqondweni, umntu makakhumbule le fomula elula: **Profit (Inzuzo) = Income (Ingeniso) - Expenditure (Inkcitho) (P = I - E)**. Umntu makaqale ngokulawula inkcitho yakhe kakuhle ayinciphise kangangoko kunokwenzeka ngaphandle kokuchaphazeleka kweshishini lakhe. Khumbula ukuba iindleko zakho unokuzilawula kuphela xa ulawula ishishini lakho ngokohlalo-mali oluqakaniselweyo. Okwesibini, phucula ingeniso yakho ukuze uphucule inzuzo yakho.



Izigqibo ezenziwa malunga nemali kwiminyaka emihle ziya kwalatha isiphumo sakho kwiminyaka emibi. (Ifoto ithathwe nguJurie Mentz)

Izigqibo ezenziwe ngemali kwiminyaka emihle ziya kwalatha isiphumo kwiminyaka emibi. Ngoko ke umntu ufanele ukunciphisa ityala lakhe kwiminyaka emihle ngenxa yeenzuzo ezithe kratya ezifumanekayo. Kwakhona cinga ngokusebenzisa iinzuzo ezithe kratya ulondolozelo imithombo yakho yezinto ozisebenzisayo, ezifana nokusebenzisa imigaqo efanelekileyo yokulima ngolondolozo ukuze ugcine kananjalo uphucule ukuchuma komhlaba wakho, ngokwenza njalo kulondolozeko ukufuma komhlaba, kugcineke futhi kuphucuke nomgangatho wamadlelo akho okanye kwakhiwe ibhanki yefula. Kwiminyaka emihle, kubhetele utyale nayiphi imali eyintshiyekela kwimpahla yexabiso eyandisa imali – impahla yexabiso enokungenisa imali – kunempahla yexabiso engandisi mali.

Abalimi bethu baseMzantsi Afrika ubukhulu becala baxhomekeke kwakubo ukuze baphile kuba incinane kakhulu inkxaso abayifumana kurhulumente. Ngoko ke, ulawulo lwakho lwemali lubaluleke kakhulu kwiminyaka emihle nakwiminyaka enzima. Kufuneka uhlale ubeke iliso kwishishini lakho lokufama ngokulawula njengomlawuli weshishini onobuchule futhi wenze izigqibo zemali eziqwalaselwe ngononophelo nangocoselelo. Oku ke kuthetha ukuba ufanele ukuba neenkukacha eziyimfuneko ngemali neziqala ngohlalo-mali oluqakaniselweyo.

Ukuze umlimi asebenzise ulawulo lwemali oluphuculiweyo ufanele ukwamkela ubunini bako konke okwenzeka kwifama yakhe. Umlimi makaluthwale lonke uxanduva lweshishini futhi agcine isidima sakhe nondiliseko kuwo onke amanye amaqela abandakanyeka kwishishini. Inyathelo elifanelekileyo malunga nalo mbandela kukuphucula ukufaneleka kwakho kokunikwa ityala ngababoneleli bakho bemali

kwiminyaka emihle. Isiphumo kukuba baya kusinyenyisa isandla ngakuwe kumaxesha anzima – kaloku bakwazi njengendoda ezigcinayo izithembiso zayo.

Beka iliso kumqukuqelo wemali esesandleni yakho futhi uyilawule njengohlalo-mali lomqukuqelo wemali esesandleni. Siqwalasele rhoqo isakhono zenzuzo samashishini akho. Khangela amathuba okuphucula ixabiso lawo. Kwakhona hlala uyizinise kakhulu ingqondo yakho kwiindleko zobuqu bakho kumaxesha amahle ukuze uzilawule ngokohlalo-mali lobuqu bakho.

Okutsala umdla, xa uqwalasele eli nqaku, uya kufumanisa ukuba sibuyelele kwimibandela eliqela esixoxe ngayo nzulu kumanqaku exesha elidlulileyo. Eli nqaku lithande ukuba sisishwankathelo samanqaku aliqela exesha elidlulileyo. Kwakhona liphinda likhankanye ukuba ulawulo lwemali alupheleli ekunxulumaniseni yonke imibandela yeshishini lefama, 'lukwafaka ioyile emavilini' ukuvumela ishishini ukuba lisebenze ngendlela encomeka ngokuthe chatha. Xa ingekho imali yokuhlangabeza izidingo zeshishini zethuba elifutshane-, eliphakathinelide, konke kuya kuma ndawonye.

Ngoko ke, sebenzisa ulawulo lodidi oluphezulu ngakumbi kulawulo lwemali kwiminyaka emihle ukuze uphile bhetele kwiminyaka enzima. Okanye xa lawula iminyaka emihle njengeminyaka yobunzima uya kufumanisa ukuba iminyaka eyiyona inobunzima ngenene ayisayi kuba nzima kangako. 🍌

Athikele e kwadilwe ke Marius Greyling, mowadi wa Pula Imvula. Fa o tlhoka kitso gape, o ka romela emele go mariusg@mcgacc.co.za.

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324
7 Collins Street, Arboretum
Bloemfontein
▶ 08600 47246 ◀
▶ Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
▶ 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
▶ 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks
▶ 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

Inkqubo yeGrain SA yoPhuhliso lwabaLimi

ABAQUZELELI BOPHULISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
▶ 079 497 4294 ◀ johan@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyambose

Jerry Mthombothi
Mpumalanga (Nelspruit)
▶ 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Nonhlanhla Sithole

Jurie Mentz
Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
▶ 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 034 907 5040 ◀ Sydwell Nkosi

Graeme Engelbrecht
KwaZulu-Natal (Louwsburg)
▶ 084 582 1697 ◀ graeme@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 034 907 5040 ◀ Sydwell Nkosi

Ian Househam
EMpuma-Koloni (Kokstad)
▶ 078 791 1004 ◀ ian@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

Liana Stroebel
ENtshona-Koloni (Paarl)
▶ 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 012 816 8057 ◀ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen
North West (Lichtenburg)
▶ 082 877 6749 ◀ dutoit@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

Julius Motsoeneng
North West (Taung)
▶ 076 182 7889 ◀ julius@grainsa.co.za

Sinelzwi Fakade
Mithatha
▶ 071 519 4192 ◀ sinelzwifakade@grainsa.co.za
▶ e-Ofisini: 012 816 8077 ◀ Cwayita Mpotyi

Articles written by independent writers
are the views of the writer and not of Grain SA.

I-Grain SA kudliwano-ndlebe... noThulani Mbele



UThulani Mbele waqala ngokusebenza ixesha elingaphelelanga efama ngeminyaka yoo-1980 xa wayeku-lwahlulelwano noyise owayengumlimi wayesebenzela ukuziphilisa okurhweba kancinane kwimihlaba edityanelweyo. Ngeli thuba wayesebenza e-Eskom. UThulani wathenga itrektara enye kanti noyise wayenenye itrektara kunye nezinye izixhobo zokusebenza. Emva kokulima amasimi abo babekholisa ukubolekisa ngezixhobo ngekhontrakthi kwabanye abalimi ababedinga uncedo. Lwaqala apho uthando lwakhe lomsebenzi wokufama.

Emva kwexesha washiya iEskom waya eQwaqwa eFree State. Waba nethamsanqa elikhulu lokuqesha ifama yeehektare eziyi-249 kurhulumente wangaphambili waseQwaqwa. Oku kwaba yimpumelelo yakhe njengoko kwamnceda ukuba akhule futhi aphile ngokufama. Babefama ngeegusha iinkomo zenyama nangenkomo zobisi ezimalunga ne-30 ukuze bafumane imali esesandleni esoloko ingena. Kwakhona babelima umbona, iimbotyi ezomisiweyo nengqolowa, bezijikelezisa kwiihektare eziyi-100 zomhlaba olimekayo.

Sifumene inkxaso yoqeqesho kwiinkalo ezininzi zokufama. Bekukho nobonelelo lwetyala lokuthenga iimveliso zamalungiselelo kanti olo ibiluncedo olukhulu. Utata kaThulani wasweleka waza yena wasala yedwa. Kwafika ithuba lokuthenga ifama ngokusebenzisa iLand Bank kanti ityala lefama ngoku selihlawulwe lagqitywa ngoku yeyosapho.

Ngo-1995/1996, inkxaso yoqeqesho yayinqabile kwaze oko kwamnyanzela ukuba abuyekelele kwiKholeji yezoLimo ukuze afundele

ezolimo. Ndachitha iminyaka emithathu ukuphumelela kwiDiploma yeSizwe kwezoLimo.

UThulani wabuyela efama enogqaliselo kwaye ezimisele ukuphumelela. Wawelwa ngumqa esandleni ngokudibana nabanye abathathi-nxaxheba abafana ne-Grain SA apho afumene izifundo zamathuba amatutshane ezifana no-Londolozo lweTrektara, ukuTshisela iintsimbi, izifundo ezahluka-hlukileyo zoku-Linywa kweziTyalo ngokunjalo nezamaQondo eMilinganiselo yeziXhobo zokuTyala nezoku-Tshiza. Uqeqesho asajonge ukulufumana lunxulumene nokuphuculwa kwexabiso, ukubekelela nokuqonda iintlobo zeentengiso zehlabathi.

Uqeqesho lubaluleke kakhulu ukuze umntu afumane izivuno ezizezona ziphezulu. Lunceda ngokucutha iindleko nangokwandisa iinzuzo ngeendlela ezininzi. Uqeqesho lube negalelo elibanzi kwinkqubo nakwimpumelelo kaThulani. Xa wayencedisa utata wakhe kwiindawo ezidityanelweyo, wayelimela ukuziphilisa aze athengise intshiyekela encinane. Wathi akuya kweyakhe ifama waqalisa ukuvuna iitoni zombona ezi-3 ngehektare emhlabeni owomileyo. Ngenxa yobuchwepheshe bamvanje namhla bayakwazi ukuvuna iitoni ezi-5 ngehektare ukuya kwiitoni ezi-6 ngehektare zombona womhlaba owomileyo.

Ukususela ngoku ukuya phambili uThulani usebenzela ukwandisa umsebenzi wakhe. Ifama yakhe isetyenziswa ngokupheleleyo ukufikelela kwisakhono sayo esipheleleyo kodwa ngaphandle kokunciphisa iimveliso ezibubutyebi bendalo. Banqwenela ukufumana enye ifama ethe kratya ngobukhulu ukuze bazandise.

Uthando lokufama lusoloko lumxhobisa ngamandla kwaye uyaqubisana nemiceli-mingeni futhi ayibone njengamathuba okufumana iindlela ezintsha. Kumenza abe nehlombe ukuzama imigaqo emitsha nokubek' iliso kwinguquko nakwiyantlukwano.

Icebiso anokulinika uThulani kubalimi abatsha, kukuzondelela amaphupha abo, ukuba nogqaliselo, bagqalisele futhi bangaze bancame.

Inqaku linikelwe nguGraeme Engelbrecht, uMququzeleli woPhuhliso weNkqubo yoPhuhliso yaseGrain SA, KwaZulu-Natal. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: graeme@grainsa.co.za.